



It starts with a story...

Tell us a story!

How often have your children said, "Tell us a story, please?" If you were lucky enough to grow up with adults telling you stories, then you will probably remember what it feels like to be completely wrapped up in a story – it's like everything around you disappears and you are part of the story!

Children love hearing stories and they are a great way to stimulate their imagination and their use of language. Here are some tips to help you be a magical storyteller for your children.

- **Get going.** It's always easiest to start with what you know, so start by telling stories that you know well.
- **Find more stories.** Keep adding to the number of stories you can tell by finding new ones. Look in books and on the Internet. Translate stories that are only available in one language into the language/s you are comfortable telling stories in.

Sibalisele ibali!

Kukangakanani apho abantwana bakho bathi, "Khawusibalisele ibali, siyakucela torho?" Ukuba wena ubunethamsanqa ngokwaneleyo lokukhulela phakathi kwabantu abadala ababalisa amabali, mhlawumbi uza kukhumbula ukuba kunjani ukutshona dzwabha ebalini – kube ngathi akukho nto tu eyenye ekungqongileyo ngaphandle kokuba wena uyinxalenye yebali!

Abantwana bayakuthanda kakhulu ukumamela amabali kwaye amabali angungqa-phambili ekuvuseleleni intelekelelo nokuzakhela imifanekiso-ngqondweni kwakunye nasekusebenziseni ulwimi kubantwana. Nazi ezinye zeengcebiso zokukunceda ukuba ube ngumbalisi-mabali owenza imimangaliso ebantwaneni bakho.

- **Thatha khona.** Kusoloko kulula ukuqala ngokwaziyo, ngoko ke qala ngokubalisa amabali owazi kakuhle.
- **Khangela amabali amaninzi.** Yithi gqolo usongeza kwinani lamabali okwaziyo ukuwabalisa ngokukhangela amanye. Khangela ezincwadini nakwi-intanethi. Guqula amabali afumaneka ngolunye ulwimi, uwatolikele kwezinye iilwimi ozazi ngcono nongabalisa ngazo kakuhle amabali ngokukhululekileyo.
- **Ngqamanisa nabaphulaphuli bakho.** Khetha ibali ocinga ukuba liza kuba nomdla kubaphulaphuli bakho kwaye lilungele nobudala babo. Umzekelo, uninzi lwabantwana luyawonwabela amabali angezilwanyana, kodwa wona amabali abalisa ngemimoya engcolileyo namagqwirha mhlawumbi angaboyikisa abantwana abancinane kakhulu.
- **Khetha kakuhle amagama akho.** Zama ukukhetha amagama anomdla nabonisa uvakalelo nayakunceda abaphulaphuli bakho bazakhele imifanekiso-ngqondweni njengokuba bemamele ibali.

- **Match with your audience.** Choose a story to tell that you think will interest your listeners and is appropriate for their ages. For example, most children enjoy stories that have animals in them, but stories with evil spirits in them may scare very young children.
- **Choose your words.** Try to choose interesting and expressive words that help your listeners to build a picture in their heads as they listen to the story.
- **Use expression.** Tell the story with expression in your voice and give the characters different sounding voices, like a squeaky voice for a little mouse and a deep, booming voice for a lion.
- **Use your whole body.** Use your face to show the expressions of different characters in the story. For example, frown when a character is shouting and cross about something. Use body gestures, like swaying gently from side to side to show how a tree moved in a gentle breeze and then using bigger movements to show how it moved as the wind got stronger.
- **Practise.** If you are telling a story to a group of children, practise in advance so that you know the story well.
- **Enjoy yourself.** If you enjoy telling a story, then it is likely that your children will enjoy listening to it too! So, relax and have fun!



We will be taking a break until the week of 13 April. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Sizakukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-13 kuTshazimpunzi. Zibandakanye nathi ngoko ukuze ufumane imilingo yokukufunda yakwaNal'ibali.

- **Sebenzisa iimvakalelo.** Balisa ibali ubonakalisa iimvakalelo ngelizwi lakho uze unike abalinganiswa amazwi avakala ngokungafaniyo, njengelizwi elinkwinizayo xa kuthetha impuku nelikhulu, elingqokolayo xa iyingonyama.
- **Sebenzisa wonke umzimba wakho.** Sebenzisa ubuso bakho ukubonakalisa inkangeleko kubalinganiswa abohlukileyi ebalini. Umzekelo, finga iintshiya xa umlinganiswa engxola kwaye equnjiswe yinto ethile. Sebenzisa umzimba, ujekule njengokuya ngapha nangapha ngokuzolileyo ubonakalisa ukuba ushukuma njani umthi xa ushukunyiswa yimpepho epholileyo, uze uwudlikidle ngamandla umzimba wakho ukubonisa ukuba ushukuma njani xa umoya ubhudla.
- **Ziqhelise.** Ukuba uza kubalisa iqela labantwana ibali, ziqhelise kwangaphambili ukuze ulazi kakuhle ibali.
- **Zonwabise.** Ukuba uyakonwabela ukubalisa ibali, ngokucacileyo nabantwana bakho baza kukonwabela ukulimamela nabo! Ngoko ke, zola uzonwabele!

On the move...

From 13 April, get your bilingual Nal'ibali reading-for-enjoyment supplement every week during term time in the following Times Media newspapers:

- ★ *Daily Dispatch* (English and IsiXhosa) on Tuesdays in the Eastern Cape
- ★ *The Herald* (English and IsiXhosa) on Thursdays in the Eastern Cape
- ★ *Sunday Times Express* (English and IsiXhosa) on Sundays in the Western Cape
- ★ *Sunday World* on Sundays in KwaZulu-Natal and Gauteng (English and IsiZulu), and the Free State (English and Sesotho).



Drive your imagination

Read to me. Every day.
Ndifundele. Yonke imihla.





Drive your imagination

Hi Nal'ibali

I trust that you are doing well. I'm 29 years old and a mother of a 7-year-old girl in Grade 1 at a Xhosa-speaking school. I'm so glad to finally know you. My daughter is struggling to read and sometimes it's hard for her to write double consonants in Xhosa – that's what her teacher told me. I believe that if I guide my daughter, it will help her a lot. I need you to help me with tips. I would appreciate this a lot. I want only the best for her future.

Kind regards
Nobuntu M

Dear Nobuntu

You can help your daughter most by continuing to read to her in isiXhosa – that's the best way to get her reading on her own. Help her with her reading homework, but make sure that you read her the stories in our supplements as well as the ones on our website. Also, borrow books from the library in isiXhosa. Just keep reading to your daughter in isiXhosa – every day!

The Editor

Molweni kwaNal'ibali

Ndiyathemba ukuba nisaphila. Ndineminyaka engama-29 kwaye ndingumama wentombazanana eneminyaka esi-7 efunda kwiBanga loku-1 kwisikolo esifundisa ngolwimi lwesiXhosa. Ndivuya kakhulu ndide ndazi ngani. Intombi yam itsala nzima ekufundeni kwaye ngamanye amaxesha kunzima ukubhala amagama anamaqabane angoonombini kwisiXhosa – oko ndikuxelelwe ngutitshala wakhe. Ndikholelwa ukuba, ukuba ndiyayincedisa intombi yam, oko kuza kumnceda kakhulu. Ndicela ukuba nindincede ngeengcebiso. Ndingakuthakazelela kakhulu oko. Ndimnqwenelela impumelelo nekamva eliqhakazileyo umntwana wam.

Ndim ngenene.

Nobuntu M

Nobuntu othandekayo

Ungayanceda kakhulu intombi yakho ngokuba uqhubeke njalo umfundela ngesiXhosa – leyo yeyona ndlela ilungileyo yokumenza akwazi ukuzifundela ngokunokwakhe. Mncede ngomsebenzi wesikolo wakhe owenziwa ekhaya omalunga nokufunda, kodwa uqinisekise ukuba umfundela amabali akwiintlelo zethu kwakunye nalawo akwiwebhusayithi yethu. Kananjalo, ungaboleka iincwadi ezibhalwe ngesiXhosa kwiithala leencwadi. Qhubeka nokufundela intombi yakho ngesiXhosa – yonke imihla!

UMhleli

SMS

As a preschool teacher, I would like to thank Nal'ibali for your children's stories. When it's story time in my class, I usually use my Nal'ibali stories and the children really enjoy them! We are looking forward to other interesting stories. Thank you. Keep up the good work!

Kedibone

iSMS

Njengotitshala kwisanduleli-sikolo, ndithanda ukubulela uNal'ibali ngamabali abo abantwana. Xa ilixesha lamabali eklasini yam, ndisoloko ndisebenzisa amabali akwaNal'ibali kwaye abantwana bam bawonwabela ngokwenene! Sithakazelela ukufumana amanye amabali anomdla. Enkosi. Wuqhubeni kanjalo umsebenzi wenu omhle!

Kedibone

Dear Nal'ibali...

Nal'ibali endimthandayo...

Write to Nal'ibali at
**PRAESA, Suite 17-201, Building 17,
Waverley Business Park, Wycroft
Road, Mowbray, 7700, or at
letters@nalibali.org.**

**Bhalela uNal'ibali kwidilesi
ethi: PRAESA, Suite 17-201,
Building 17, Waverley Business Park,
Wycroft Road, Mowbray, 7700, okanye
ku-letters@nalibali.org.**

Hi Nal'ibali

My kids and I have just joined the library. I am so proud – my daughter who is 6 years old is trying to read on her own, and my 10-year-old son has just started reading chapter books. I want to encourage him by getting him a fun bookmark. We don't have many places to buy these kinds of things where I live. Do you know where I can get one?

Esmé Davis
Laingsburg

Dear Esmé

So glad to hear that you've joined the library! I have good news about the bookmark! Go to the "Resources" section on our website. There you will find bookmarks you can download – ready-made Nal'ibali bookmarks as well as a template to help your son make his own one. Wishing you and your children many happy hours spent reading!

The Editor

Molweni kwaNal'ibali

Mna kunye nabantwana bam sisandul' ukuzibandakanya njengamalungu ethala leencwadi. Ndiyaziqhenya kakhulu ngoko – intombi yam eneminyaka emi-6 izama ukuzifundela ngokwayo, kwaye unyana wam oneminyaka eli-10 yena uqalise ukufunda iincwadi ezinezahluko. Ndifuna ukumkhuthaza ngokumphathela isalathisi esibonisa apho aphele khona ukufunda nesiza kumonwabisa. Asinazo iindawo ezininzi zokuthenga izinto ezilolu hlobo apho sihlala khona. Ingaba niyazi apho ndingasifumana khona?

Esmé Davis
Laingsburg

Esmé othandekayo

Ndivuya kakhulu ukuba ukuba uzibandakanye nethala leencwadi! Ndineendaba ezimnandi ngesalathisi esinokonwabisa sibonise unyana wakho ukuba uphele phi na ukufunda! Yiya kwicandelo elithi, "Resources" kwiwebhusayithi yethu. Apho uza kufumana izalathisi ezibonisa ukuba uphele phi na ukufunda kwaye ungazikopela zona – izalathisi ezibonisa ukuba uphele phi na ukufunda esele zenziwe zakwaNal'ibali kwakunye nesikhokelo sokunceda unyana wakho azenzele esakhe isalathisi. Wena nabantwana bakho sinqwenelela iiyure ezininzi ezimnandi enizichitha ngokufunda!

UMhleli

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Get the story ready to read!

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. To separate the pages, cut down the middle of pages 4 and 5.
3. Fold along the red dotted line.
4. If possible, keep the story in a plastic pocket to protect it.

Yenza ibali lilungele ukufundwa!

1. Khupha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Ukuwohlula amaphepha, sika phakathi kwiphepha lesi-4 nelesi-5.
3. Wasonge ulandela umgca ongamachaphaza abomvu.
4. Ukuba unakho, gcina ibali kumkhavarisho weplastiki ukuze likhuseleke.



and every grain of corn was as big as your head. My great-grandfather took the village back to its proper place and put it down.

"At that time, your great-grandfather was a very poor man. My great-grandfather employed him as his servant. His job was to weigh out grain for the customers. Your great-grandfather was very stupid and often made mistakes. My great-grandfather would thrash him for his mistakes."

"True, oh Chowdhri, true!" said the trader. He was angry at the farmer, but he didn't want to lose the bet. They had reached the outskirts of the town, but the farmer hadn't finished his story yet.

They reached the moneylender's shop and went inside.

"Well," the farmer carried on, "after my great-grandfather sold his harvest, there was no more work for your great-grandfather. He had to leave, but first, he asked my great-grandfather to lend him 50 rupees."



"True, oh Chowdhri, true!" said the trader.

"Very good," said the farmer loudly so the moneylender could hear. "Your great-grandfather did not repay the debt, nor did your grandfather, nor your father. And you haven't repaid the debt either. Now that 50 rupees, plus interest, amounts to exactly 500 rupees. That is the amount you owe me!"

"True, oh Chowdhri, true!" said the trader.

"You have admitted to the debt before the moneylender," said the farmer. "Now, kindly pay him the money so that I can keep my land."

The trader was trapped. If he said the story was true, he had to pay the moneylender 500 rupees. If he said it was not true, he had to pay the farmer 500 rupees. So he paid up, and never again did he say the farmer was stupid.



The trader and the farmer

Retold by Ros Haden

Illustrated by Natalie Hinrichsen

Once upon a time in India, there lived a trader. All the villagers bought their supplies from him and he was a very rich man.

One day on his way to town, the trader met a poor farmer. The farmer had to pay a debt he owed to the moneylender. The farmer's great-grandfather had borrowed 50 rupees from the moneylender 50 years ago. He had not been able to repay it. The moneylender added interest to the amount and now the poor farmer owed the moneylender 500 rupees. He wondered if he would ever be able to repay it.

"Good day to you, Chowdhri," said the trader. "I see you are going to pay some of your debt."

The farmer nodded.

"That debt is too big," the trader continued. "Soon, you will have no more money, and you will have to give your land to the moneylender. Can't you do something to save your land?"

"It is too late to do anything, Shahji," the farmer said sadly.

"Well, let's forget our worries and pass the time telling stories," said the trader.



"That's a good idea, Shahji!" said the farmer. "But let's make one rule. No matter how silly the story, we must not say it is not true. Whoever says the story is not true, must pay the other one 500 rupees."

"Agreed!" laughed the trader. "I will tell my story first."

"My great-grandfather was the greatest of traders. He was very rich. He sailed to China and came back with many precious things. One of these things was a statue of pure gold. The statue could answer any question you asked it," said the trader.

"True, oh Shahji, true," said the farmer.



It starts with a story...



Drive your imagination

Nalibaili is a national reading-for-employment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibaili.org or www.nalibaili.mobi

The trader and the farmer is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 files which are grouped by level and theme. For further information, visit www.cup.co.za



CAMBRIDGE
UNIVERSITY PRESS
www.cup.co.za

Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za

Fold

"One day your great-grandfather came to ask the statue a question," the trader said. "He asked who the wisest man was. The statue answered that the trader was the wisest. Then he asked who the most stupid man was. 'Why you are, of course,' the statue answered."

"True, oh Shahji, true," said the farmer, although he did not agree. The trader carried on with his story. "My father was also a great traveller. One day on his travels, a mosquito landed on his ear. My father asked the mosquito, very politely, to leave him alone. The mosquito was very impressed by my father's good manners. He said he would like to do something for him. The mosquito opened its mouth wide. Inside, my father saw a huge palace with golden doors and windows."



"At one of the windows stood the most beautiful princess in the world. But behind the princess he saw a peasant about to attack her with a knife. My father jumped into the mouth of the mosquito to rescue the princess."

"True, oh Shahji, true!" said the farmer.

"My father leapt onto the peasant, who happened to be your father," said the trader. "My father and your father fought for a year in the stomach of the mosquito. At last, my father won the fight and your father became his servant. My father married the princess, and I was born."

"True, oh Shahji, true!" said the farmer.

"But when I was 15," the trader went on, "a heavy rain of boiling water fell on the palace. The whole building collapsed. We landed up in a hot sea, but we managed to swim ashore. Suddenly, we were in a kitchen. In front of us stood a woman shaking with fear!"

"True, oh Shahji, true!" said the farmer.

"When the woman realised we were men and not ghosts, she started shouting at us. 'You have spoilt my soup!' We apologised and told her we had been living in the stomach of a mosquito for 16 years. She said she remembered that a



mosquito had bitten her on the arm and she had squeezed out the poison. A big drop of blood had fallen into her cooking pot, and we must have been in it."

"True, oh Shahji, true!" said the farmer.

"Well, we left the kitchen and found ourselves in another country. That country is the village we now live in. We opened a store in the village. My mother, the princess, died many years ago. That is my story. Let's see you do better!"

"A very true story," said the farmer. "My story is not as wonderful, but every word of it is true. My great-grandfather was the richest farmer in the village. He was very wise and very handsome. When he settled arguments, no one questioned his decisions. He was also very strong and bad people were terrified of him. He was always given the best seat at village meetings."

"True, oh Chowdhri, true!" said the trader.

"One day a terrible drought came to our village," the farmer continued. "Birds and animals died by the thousands. The village supplies were finished and the people were starving. My great-grandfather knew he had to do something."

"He called together all the farmers in the village. 'God Indra is angry with us for some reason and has stopped the rain,' he said. 'But if you give me your fields for six months, I will give you all food until the drought is over.'"

"The farmers all agreed and gave their fields to my great-grandfather. Then, with one great heave, he picked up the whole village and put it on his head."

"True, oh Chowdhri, true!" said the trader.

"My great-grandfather carried the village wherever there was rain. The raindrops fell on the fields and collected in the wells. He told all the farmers, who were still in the fields on my great-grandfather's head, to plough the land and sow their seeds."

"True, oh Chowdhri, true!" said the trader.

"The crops that came up had never been so wonderful," the farmer said. "The wheat grew so tall it touched the clouds



“Unyanisile, owu Chowdhri, unyanisile,” watsho umrhwabi. Wayenomindo ngale nto ithethwa ngumfama, kodwa wayengafuni kuphulukana nemali leyo wayebheje ngayo. Babesele befikile ekungeneneni kwedlophu, kodwa umfama wabe engekaligqibi ibali lakhe.

Bafika evenkteni kamatshonisa baza bangena ngaphakathi.

“Enezeni,” waphuba umfama, “emva kokuba ukhokho wam esithengisile isivuno, kwakungasekho msebenzi wokwenziwa ngukhokho wakho. Kwafuneka ahambe, kodwa kuqala, wacela ukuba ukhokho wam amboleke imali engangeerupi ezingama-50.”

“Unyanisile, owu Chowdhri, unyanisile,” watsho umrhwabi.



“Kwalunga ke,” watsho umfama, ekhwazela ukuba umatshonisa amve. “Ukhokho wakho zange alhlawule elo tyala, okanye utatoni khulu wakho, okanye utata wakho. Kwanawe ubuqu awukalhlawuli elo tyala. Ngoku ezo rupi zingama-50 nenzala zenza ama-500 eerupi ingqo. Leyo ke yimali ondbamba yona!”

“Unyanisile, owu Chowdhri, unyanisile,” watsho umrhwabi.

“Ityala ulivume phambi komatshonisa,” watsho umfama. “Ngoku ke, nceda umhlawule imali yakhe ukuze ndikwazi ukusindisa umhlaba wam.”

Umrhwabi wayengenile emgbeni. Ukuba uthe ibali liyinyani, kuza kufuneka ahlawule umatshonisa ama-500 eerupi. Ukuba uthe aliyonyani, kuza kufuneka ahlawule umfama ama-500 eerupi. Ngoku ke, wahlawula, kwaye akazange aphinde athi umfama sisidenge kwakhona.




Umrhwabi kunye nomfama

Libaliswa kwakhona nguRos Haden

Imfanekiso nguNatalie Hinrichsen

Kudala-dala kwilizwe lase-Indiya, kwakukho umrhwabi. Bonke abantu belali babethenga izinto abazifunayo kuye kwaye wayeyindoda esisityebi senene.

Ngenye imini esendleleni eya edolophini, lo mrhwabi wadibana nomfama ohluphekileyo. Umfama kwakufuneka ehlawule ityala awayelbamba umatshonisa. Ukhokho walo mfama waboleka iirupi ezingama-50 kumatshonisa kwiminyaka engama-50 eyadlulayo. Zange akwazi ukuyihlawula. Umatshonisa wongeza inzala kule mali waza umfama ohluphekileyo waphela enetyala leerupi ezingama-500. Wayengazithembanga ukuba angaze akwazi ukuyihlawula.



“Molo, Chowdhri,” watsho umrhwabi. “Ndiyabona ukuba usaya kuhlawula inxalenye yetyala lakho.” Umfama wangwala.

“Elaa tyala lakho likhulu kakhulu,” waqhuba watsho umrhwabi. “Kungekudala, uza kungabinayo imali, kwaye kuza kufuneka unikezele ngomhlaba wakho kumatshonisa. Akukho nto unokuyenza ukusindisa umhlaba wakho?”

“Akusekho thuba lakwenza nantoni na, Shahji,” watsho umfama kalusizi.

“Kulungile ke, masilibale ngeengxaki zethu size sihambise ixesha ngokubalisa amabali,” watsho umrhwabi.



“Licebo elihle elo, Shahji!” watsho umfama. “Kodwa masimise umthetho omnye. Nokuba ibali lithandabuzeka kangakanani na, akufuneki sitsho ukuba aliyonyani. Nabani na othe ibali aliyonyani, kufuneka ahlawule omnye iirupi ezingama-500.”

“Ndiyavuma!” wahleka umrhwabi. Ndiza kubalisa elam ibali kuqala.”

“Ukhokho wam wayengumrhwabi ogqwesileyo. Wayesisityebi sokwenene. Wahamba ngolwandle esingise eChina waza wabuya nezinto ezininzi zexabiso. Enye yezi zinto yayingumqingwa wegolide yohlobo. Lo mqingwa wawuphendula nawuphi na umbuzo owubuzayo,” watsho umfama.

“Unyanisile, owu Shahji, unyanisile,” watsho umfama.



It starts with a story...

Inalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebanjwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

The trader and the farmer is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 files which are grouped by level and theme. For further information, visit www.cup.co.za



www.cup.co.za

Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za

Fold

“Ngenye imini ukhokho wakho weza kubuza umbuzo kulo mqingqwa,” watsho umrhwebi. “Wabuza ukuba ngubani eyona ndoda isisilumko. Umqingqwa waphendula ngelithi umrhwebi sesona silumko sendoda. Emva koko wabuza ukuba ngubani eyona ndoda isisidenge. ‘Ngoba, nguwe nje,’ waphendula umqingqwa.”

“Unyanisile, owu Shahji, unyanisile,” watsho umfama, nangona wayengavumelani naye.

Umrhwebi waqhubeka nebali lakhe. “Utata wam naye wayengumhambi wenene. Ngenye imini kwakwezi hambo zakhe, ingcongconi yathi ngcu endlebeni yakhe. Utata wam wayicela ingcongconi ngesimilo ukuba yohlukane naye. Loo ngcongconi yothuswa sisimilo sikatata wam. Yathi ifuna ukumenzela into utata wam. Ingcongconi yavula umlomo kakhulu. Ngaphakathi, utata wabona ibhotwe elikhulu elineengcango neefestile zegolide.



“Kwenye yezi festile kwakumi eyona nkosazana intle ehlabathini. Kodwa emva kwayo kwakumi ihlwempu elalilungele ukuyihlasela. Utata wam watsiba wangena emlonyeni wengcongconi ukuya kusindisa inkosazana.”

“Unyanisile, owu Shahji, unyanisile,” watsho umfama.

“Utata wam watsibela ihlwempu, ekwathi kanti ngutata wakho,” watsho umrhwebi. “Utata wam notata wakho balwa unyaka wonke esiswini sengcongconi. Ekugqibeleni, utata wam wamoyisa utata wakho waza waba sisicaka sikatata wam. Utata wam watsihlala nenkosazana baza bazala mna.”

“Unyanisile, owu Shahji, unyanisile,” watsho umrhwebi.

“Kodwa kuthe xa ndineminnyaka eli-15,” waqhuba umrhwebi, “kwanetha imvulakazi engamanzi abilayo ebhotwe. Ibhotwe lonke ladiiika. Sawela kulwandle olushushu, kodwa ngethamsanqa sakwazi ukudada saphumela elunxwemeni. Ngephanyazo, sazibona sesisekhitshini. Phambi kwethu kwakukho umfazi owayengcangazela kukoyika!”

“Unyanisile, owu Shahji, unyanisile,” watsho umfama.

“Wathi akuqonda ukuba singabantu lo mfazi, asizizo iziporho, waqalisa ukusingxolisa. ‘Niyimoshile isuphu yam!’ Sacela uxolo samxelela ukuba besihlala esiswini sengcongconi iminyaka eli-16.



Wathi uyakhumbula ukuba ingcongconi leyo yamluma engalweni waza wacudisa yaphuma ityhefu yayo. Iqabaza elikhulu legazi lawela embizeni apheka ngayo kwaye inokuba thina sasilapho kwelo qabaza legazi!”

“Unyanisile, owu Shahji, unyanisile,” watsho umfama.

“Eneneni ke, saphuma kwelo khitshi, saze sazifumana sikwelinye ilizwe. Elo lizwe yile lali sikhulu kuyo ngoku. Savula ivenkile kule lali. Umama wam, inkosazana, wasweleka kudala. Nalo ke elam ibali. Masimamele ke, sibone ukuba elakho liza kubangcono kusini na!”

“Libali eliyinyaniso ngokwenene eli lakho,” watsho umfama. “Ibali lam alikho mnanzi njengelakho, kodwa lonke liyinyaniso. Ukhokho wam wayengoyena mfama usisityebi elalini. Wayesisilumko esikhulu kwaye wayeyinzwane yokwenene. Xa athe wasombulula uxambuliswano, kwakungekho mntu ungonelisekiyo nosala enemibuzo ngezigqibo zakhe. Kananjalo wayomelele kakhulu kwaye abenzi bobubi babemoyika. Wayehlontshwa ebekwa kwindawo ephambili nexabisekileyo ezintlanganisweni!”

“Unyanisile, owu Chowdhri, unyanisile,” watsho umrhwebi.

“Ngenye imini kwabakho imbalela embi kakhulu elalini,” waqhuba umfama. “Amawaka-waka eentaka kunye nezilwanyana zafa. Kwaphela ukutya elalini baza abantu bafa yindlala. Ukhokho wam waqonda ukuba kufuneka abe nento ayenzayo.”

“Wabiza onke amafama aselalini. ‘Isithixo u-Indra unomsindo ngakuthi ngesizathu esithile, kwaye unqabise imvula,’ watsho. ‘Kodwa ukuba nindinika amasimi enu iinyanga ezintandathu, ndiza kuninika nonke ukutya kude kuphele imbalela.’”



“Amafama onke avuma aze anika ukhokho wam onke amasimi awo. Emva koko, wayithi hlasi kwakanye ilali wayithwala entloko.”

“Unyanisile, owu Chowdhri, unyanisile,” watsho umrhwebi.

“Ukhokho wam wayithwala ilali eyisa naphi na apho kukho imvula khona. Amachaphaza emvula ana emasimini ayeqokelelelwa emaquleni. Waxelela onke amafama awaye ewathwele ngentloko, ukuba alime amasimi atyale imbewu.”

“Unyanisile, owu Chowdhri, unyanisile,” watsho umrhwebi.

“Zange sakhe sakho isivuno esihle njengeso saphuma apho,” watsho umfama. “Ingqolowa yakhula yande kangangokuba yafikelela emafini kwaye ukhokho lwengqolowa ngalunye lwaba ngangentloko yakho. Ukhokho wam wathatha ilali wayibuyisele endaweni yayo waza wayibeka phantsi.”

“Ngelo xesha, ukhokho wakho wayeyindoda ehlupeke kakhulu. Ukhokho wam wamqesha njengesicaka sakhe. Umsebenzi wakhe yayikumentesha iinkozo zengqolowa xa abathengi bethenga. Ukhokho wakho wayesisidenge kwaye wayesoloko esenza iimpazamo.”



Get creative!

Here is a fun storytelling activity to use to celebrate World Storytelling Day on 20 March 2014. Introduce your children to how they can use specially-created story bags to tell their own stories!

You will need:

- pictures from old magazines and newspapers
- small objects
- scissors and glue
- cardboard or cardboard boxes
- a cloth bag or shopping packet

What to do:

1. Prepare for the activity by cutting out pictures and words from magazines and newspapers that might make a story interesting. Paste them onto cardboard. Also look for small objects, like a feather or small toy that you could include in a story bag.
2. Place the pictures, words and objects into a cloth bag or large plastic or paper packet that is not see-through.
3. If you are doing the activity with one child, ask them to close their eyes and to take out five items from the story bag. They must then use these items to build their own story. You can write down the story your child tells you and then read it together afterwards.
4. If you are doing the activity with a group of children, let them sit in a circle. Give one of the children the bag and ask them to select an item from the bag to begin the story with. Pass the bag around the circle so that each child has a chance to choose an item and add to the story. Write down the story that the children tell and then read it back to the group afterwards.

"It is my wish that the voice of the storyteller in Africa will never die; that all children will experience the wonder of books."
Nelson Rolihlahla Mandela

"Ngumnqweno wam ukuba ilizwi lombalisi-mabali e-Afrika lingaze litshabalale, kwaye bonke abantwana bafumane imimangaliso yeencwadi."
Nelson Rolihlahla Mandela



Sebenzisa ubugcisa bakho!

Apha kukho umsebenzi owonwabisayo wokubalisa ibali onokuwusebenzisa ukubhiyozela uSuku lokuBalisa amaBali lweHlabathi ngomhla wama-20 kweyoKwindla wama-2014. Yazisa abantwana bakho ngendlela abanokusebenzisa ngayo iingxowa eziyilelwe amabali ukubalisa awabo amabali!

Uza kudinga:

- imifanekiso evela kwiimagazini ezindala namaphephandaba amadala
- izinto ezincinane
- isikere kunye neglu
- ikhadibhodi okanye iibhokisi ezizikhadibhodi
- ingxowa yelaphu okanye isingxobo seplastiki

Izinto eziza kwenziwa:

1. Lungiselela umsebenzi ngokusika kwimagazini nakumaphephandaba imifanekiso namagama anokwenza ibali linike umdla. Wancamathelise kwikhadibhodi. Kananjalo, khangela izinto ezincinane, ezifana neentsiba okanye into yokudlala encinane onokuyiquka engxoweni yebali.
2. Faka imifanekiso, amagama kunye nezinto ezincinane engxoweni yelaphu okanye kwiplastiki enkulu okanye epakethini yephepha elingabonakalisiyo.
3. Ukuba lo msebenzi uwenza nomntwana omnye, mcele acimele aze akhuphe izinto ezintlanu engxoweni yebali. Kufuneka azisebenzise ezi zinto ukwenza ibali lakhe. Ungabhala phantsi ibali umntwana wakho akubalisela lona nize emva koko nilifunde nobabini.
4. Ukuba lo msebenzi uwenza neqela labantwana, bavumele bahlale benze isangqa. Nika umntwana omnye ingxowa uze umcele ukuba akhuphe into ibe nye ukuze aqale ibali ngayo. Dlulisa ingxowa kwisangqa sabantwana ukuze umntwana ngamnye afumane ithuba lokukhetha into ukuze ongeze kwibali. Bhala phantsi ibali abakubalisela lona abantwana uze emva koko ubafunde ibali labo.

Reading club corner

April gives us plenty of opportunities to celebrate stories and words! Choose one or two of these days and then plan reading club activities around them.

- 2 April International Children's Book Day, Hans Christian Andersen's birthday
- 5 April World Scrabble Day
- 22 April Earth Day
- 23 April World Book Day (South Africa)
- 27 April Freedom Day

Hans Christian Andersen, a Danish author born in 1805, wrote many fairytales that are still retold today – for example, *The Ugly Duckling* and *The Princess and the Pea*. Many of his stories are in libraries and on the Internet. Find one you like, and try retelling it with a South African flavour!

Ikona yeklabhu yokufunda

UTshazimpunzi usinika amathuba amaninzi okubhiyozela amabali kunye namagama! Khetha usuku olunye okanye iintsuku ezimbini kwezi ntsuku uze ucebe imisebenzi yeklabhu yokufunda engqamene nazo.

- 2 kuTshazimpunzi uSuku lwaMazwe ngaMazwe lweeNcwadi zaBantwana, usuku lokuzalwa lukaHans Christian Andersen
- 5 kuTshazimpunzi uSuku lomdlalo weScrabble lweHlabathi
- 22 kuTshazimpunzi uSuku loMhlaba
- 23 kuTshazimpunzi uSuku lweeNcwadi lweHlabathi (eMzantsi Afrika)
- 27 kuTshazimpunzi uSuku lweNkululeko

UHans Christian Andersen, umbhali owazalelwa eDenmark ngowe-1805, wabhala iintsomi ezininzi ezisabalisiwayo nanamhla – umzekelo, u-*The Ugly Duckling* kunye no-*The Princess and the Pea*. Amabali akhe amaninzi akumathala eencwadi nakwi-intanethi. Fumana elo uya kuliithanda, uze uzame ukulibalisa kwakhona ulinonge ngobuncwane baseMzantsi Afrika!



Poetry fun

Here are some fun poems about animals to celebrate World Poetry Day on 21 March 2014. Enjoy reading them aloud with friends and family! Which one do you like the best?

Ukuzonwabisa ngemibongo

Nantsi imibongo eyonwabisa malunga nezilwanyana yokubhiyozela uSuku lweMibongo lweHlabathi ngomhla wama-21 kweyoKwindla wama-2014. Yonwabela ukuyifunda ngokuvakalayo nabahlobo nosapho! Ngowuphi owona uwuthanda kakhulu?



The owl*

A wise old owl lived in an oak.
The more he saw the less he spoke.
The less he spoke the more he heard.
Why can't we all be like that wise old bird?

** Lo mbongo ungasentla umalunga nendlela isikhova esasinobulumko esasiziphethe ngayo.*

The worm*

A tiny, tiny worm wriggled along the ground
It wriggled along like this without making a sound.
It came to a tiny hole – a tiny hole in the ground
And it wriggled right inside, without making a sound.

** Lo mbongo ucacisa indlela umsundululu othi uhambahambe okanye unyakaze ngayo emgxunjeni.*

Uketshe

Krwa-a-a-a! Krwa-a-a! Krwa-a-a!
Asiyontak'ukuba nentloni.
Sa-a-a amaphiko,
Ezungul'amantshontsho.
Waxokozel'unina ebuth'usapho.
Xhwi-i-i-i intshontshwana likhala linjalo.
Asiyontak'ukuba nentloni.
Krwa-a-a-a! Krwa-a-a! Krwa-a-a!

Hawk

Swoop and swerve!
A mischievous bird
Wings that beat
Looking for things to eat.
Mother hen runs up and down,
Clucking for her chick,
But the mischievous bird is too quick!
Swoop, swerve!
Cheep-cheep!



UNomasele*

Phaya entilini
Aph' ezadungeni
Kukh' unomasele
Bendimbonisele
Yiva wenz' intsholo
Uyafundekela!
Ndithi ndakumgxotha
Ath' usuka kwakhe
Athi Tsi! Gxada! Tsi!
Tsi! Gxada! Tsi!



** The poem is about the annoying croaking sound made by a frog.*

Try writing your own poem about your favourite animal and then send it to us! You can post it to us: Nal'ibali at PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. Or you can email it to us: letters@nalibali.org. We'll publish the best poems in one of our future supplements.

Zama ukubhala owakho umbongo malunga nesona silwanyana usithandayo uze uwuthumele kuthi! Ungawuthumela ngeposi kwaNal'ibali kule dilesi: PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. Okanye ungawuthumela nge-imeyili ku-letters@nalibali.org. Siza kupapasha eyona mibongo imnandi kolunye uhlelo lwethu oluzayo.

In your next Nal'ibali supplement:

- Ideas for using your Nal'ibali supplement
- Enjoy some of the writing you sent us
- A cut-out-and-keep book, *The jungle box*
- A new Story Corner story, *Mr Shabalala's garden*

Need copies of this supplement in other languages or back copies of older supplements? Download them for free at: <http://nalibali.org/supplements/>.

We will be taking a break until the week of 13 April. Join us then for more Nal'ibali reading magic!



Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Iingcebiso onokusebenzisa ngazo uhlelo lwakho lweNal'ibali
- Yonwabela ezinye zeembalelwano enisithumelele zona
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, *Ibhokisi yobomi baseHlathini*
- Iballi elitsha leNdlawo yamaBali, *Isitya sikaMnumzana Shabalala*

Ingaba ufuna iikopi zolu hlelo ezibhalwe ngezinye iilwimi okanye iikopi zeentlelo zangaphambili? Zikopele simahla ku-<http://nalibali.org/supplements/>.

Siza kuthi nqumama, khe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-13 kuTshazimpunzi. Sijoyine ngelo xesha ukuze ufumane obunye ubunewunewu beNal'ibali!

